URhulumente weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo leKharityhulam ye*GET*

Isalathiso: 20190320-3038
Inombolo yefayili: 12/2/11/6/4
Imibuzo: S Rampou

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*GET* : DCG 0013/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be*GET,* kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNqununu zazo zonke izikolo eziqhelekileyo nezizimeleyo ezineeklasi zeBakala 7

ISihloko: I-*AstroQuiz 2019* — yaBafundi beBakala 7

1. I-*AstroQuiz* lukhuphiswano lwesayensi olwenzelwa abafundi beBakala 7 olusekelwe kwimixholo enxulumene neze-astronomi (*astronomy-related themes*) nolukwanxulumana necandelo i-"*Earth and Beyond*" lekharityhulam yeeSayensi zeNdalo (*Natural Sciences curriculum*).

2. I-*AstroQuiz* yiprojekthi exhaswa ngemali yi-*South African Agency for Science and Technology Advancement* (*SAASTA*) neyenziwa ngokwamaphondo yi-*South African Astronomical Observatory* (*SAAO*). Injongo yale projekthi:
   - kukukhuthaza umdla kwisayensi kwizikolo eziziiprayimari;
   - kukuphucula indlela yokufunda nokufundisa eklasini;
   - kukunika ulwazi nokucinga nzulu ngemiba esisiseko ye-astronomi, isayensi nemathematika; kunye
   - nokubethelela umdla kumathuba omsebenzi afumaneka kwi-astronomi nakwezinye iisayensi.

3. I-*AstroQuiz* iqaliswe ngempumelelo kweli phondo ukususela ngo-2006 yaye umdla kolu khuphiswano ukhule kakhulu. Olu khuphiswano luqhutywa ngesiNgesi kuphela kumanqanaba ephondo nakuzwelonke.

4. Ukususela ngo-2015, ukhuphiswano lwe*Western Cape AstroQuiz* lukhuphiswano lwasekhompyutheni. Abafundi banokusebenzisa iiselula zabo ukuthatha inxaxheba. Nakuba kunjalo, izikolo ezingenayo ifasilithi yasekhompyutheni ziya kunikwa ithuba lokubhala ikhwizi ebhalwe emaphepheni.

5. Ukungenela i-*AstroQuiz* izikolo mazityumbe amaqela abafundi abane abasuka kwiBakala 7 ukumela isikolo.

Lower Parliament Street, Cape Town, 8001
Tel: +27 21 467 2237 Fax: 086 205 1450
Safe Schools: 0800 45 46 47

Private Bag X9114, Cape Town, 8000
Employment and salary enquiries: 0861 92 33 22
www.westerncape.gov.za

6. Imijikelo emibini yokuqala ye-*AstroQuiz* yephondo iya kubanjelwa ezikolweni phantsi kweliso lootitshala abongameleyo. Kukhuthazwa izikolo ukuba zingenele namaqela amaninzi kangangoko zinako.

7. Kuya kubakho umjikelo wokuzivavanya (*trial round*) wabafundi ukwenzela ukuba baprekthize ukwenza ikhwizi ekhompyutheni (*quiz online*). Izikolo ziyakhuphisana ekuphenduleni iseti yemibuzo eyi-30 kumjikelo ngamnye. Zonke izikolo ziya kuphendula imibuzo efanayo. Amaqela anikwa imizuzwana eyi-60 eqingqiweyo ngombuzo ngamnye. Amaqela anokuxoxa ngeempendulo bekwenza oko ngenzolo bebodwa. Liqela elinye kuphela kwisikolo ngasinye elinokuthatha inxaxheba kumjikelo wesibini. Akuvumelekanga ukuba abafundi abathatha inxaxheba baze naziphi na izinto zokufunda kwindawo yekhwizi.

8. Imijikelo yephondo yesi-3 neyesi-4 iya kubanjwa ngosuku olunye e-*SAAO* e-*Observatory,* eKapa. Okokuqala kulo nyaka, isithili ngasinye siya kumelwa zizikolo ezihlanu kwesi siganeko. Kungenxa yoko, sikhuthaza izikolo ezininzi kangangoko zinako ukuba zisebenzise eli thuba. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) liya kuba noxanduva lokuhlawula amabango ezothutho ootitshala abathutha amaqela aya kwiMijikelo yesi-3 neyesi-4 yephondo. Ootitshala baya kufumana iifom zamabango e*WCED* kwa-*SAAO*. Nakuba kunjalo, i-*SAAO* iya kuba noxanduva lokuthutha iqela eliya kumela iphondo kwimijikelo yokhuphiswano lokugqibela lukazwelonke lwesi siganeko.

9. Imihla ka-2019 ye-*AstroQuiz* imi ngolu hlobo lulandelayo:

UMJIKELO	UMHLA	INDAWO
1	24 Julayi 2019	Kwinqanaba lesikolo
2	7 Agastl 2019	Kwinqanaba lesikolo
3 & 4	29 Agastl 2019	e-*SAAO* e-*Observatory*, eKapa
Imijikelo yokugqibela kazwelonke	23–26 Septemba 2019	e-Gauteng

10. I-*resource pack* ye-*AstroQuiz* namaphepha emibuzo exesha elidlulileyo (*past question papers*) anokukhutshelwa kwiziko lewebhu i-*SAAO AstroQuiz* apha www.astroquiz.saao.ac.za. Ukuba isikolo sifuna incwadana ye-*AstroQuiz* engamaphepha banokuyicela ngokuthumela i-imeyili negama lesikolo nedilesi yeposi ku-: help@astroquiz.saao.ac.za.

11. I-*WCED* icebisa ukuba zonke izikolo mazisebenzise i-*AstroQuiz resource pack* kunye nephepha lemibuzo lexesha elildlulileyo ukunika abafundi amava okubhala ikhwizi. Lo mayibe ngumsebenzi owenziwa kuvulwe iincwadi ukufumana iimpendulo zemibuzo (*open-book activity*) ngamaqela abafundi abane beqela ngalinye, apho ibutho ngalinye lisebenza njengeqela.

12. Izikolo ezinomdla mazibhalisele ukungenela le khwizi ngqo kwi-*SAAO* ngokungena kwi-*AstroQuiz website* ku-: http://astroquiz.saao.ac.za. Ubhaliso luvula ukususela ngoApreli 2019.

13. Lonke unxibelelwano oluvela e-*SAAO* luya kufumaneka nge-imeyili kunye/okanye nge-*SMS*. Ootitshala banokukhetha iindlela zabo zonxibelelwano abakholwa zizo xa bebhalisa yaye bayacelwa bajoyine uluhlu lwembalelwano ye-*Astroquiz* ku-: http://astroquiz.saao.ac.za/join-the-mailing-list/ ukuhlala benolwazi ngekhwizi.

14. I-*WCED* ikhuthaza zonke izikolo ezinabafundi beBakala 7 ukuba zithathe inxaxheba kwi-*2019 Astroquiz*.

15. Ukuba unayo nayiphi imibuzo okanye ingcaciso oyifunayo ngokuphathelele kolu khuphiswano, kucelwa uqhagamshelane ngqo ne-*SAAO* okanye ungene kwiziko lewebhu yabo ukufumana enye ingcaciso.

Ifoni:	021 460 9369/093 467 1131 (Nks Buzani Khumalo)
	021 460 9319 (Nks Thembela Mantungwa)
	021 460 9328 (Gqr Christian Hettlage)
Ifeksi:	086 554 1330
I-imeyili:	help@astroquiz.saao.ac.za
Iziko lewebhu:	http://astroquiz.saao.ac.za

16. Kucelwa iinqununu zazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala beeSayensi zeNdalo beBakala 7 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE : NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2019-04-09